

COOKHOUSE WINDFARM

UMCIMBI 1 ISIGIDIMI SEENDABA
2025

## UKUBHIYOZELA INKQUBO YOQEQESHO LWENKONZO YENJINI YOMSINGA WOMOYA ENTSHA YABATHWESWE IZIDANGA





**Abandula kuthweswa izidanga abasixhenxe bayigqibile iNkqubo yoQeqesho lweNkonzo yeNjini yoMsinga woMoya (Wind Turbine Service Training) (i-WTST), ukufikelela kubaxhamli abangama-29 bebonke, ukusukela ekusungulweni kwenkqubo ngo-2021.**

Uqeqesho, oluqalise ngoJuni ka2024 kwiZiko lezoBuchwepheshe loMbane oVela kwiMithombo yeNdalo laseMzantsi Afrika (South African Renewable Energy) (i-SARETEC) elikhokelwa yiYunivesithi yezoBuchwepheshe iCape Peninsula, lixhobisa abafundi ngolwazi olugxile kwithiyori kunye namava okubandakanyeka kumsebenzi weefama zomsinga womoya kwilizwe jikelele. Uhlolo lwabo lokugqibela lwagqitywa ngoJanyuwari ka2025.

*"Amava am ngenkqubo ye-WTST axabiseke kunene. Ndibulela ngokungazenzisiyo kwi-SARETEC noomasibambisane bayo ngokuxhasa uphuhliso lwethu kwicandelo lombane womsinga womoya."* - uAnele Manqunyana, othweswe isidanga ngale nkqubo.

Umsitho wothwesozidanga yayingumbhiyozo onyanisekileyo wokuzinikela nokusebenza ngokuzimisela. Abazimasileyo babebandakanya abameli abangabanye abangaBavelisi boMbane abaziMeleyo (Independent Power Producers) (ii-IPP), iTrasti yeNgingqi yaBahlali yeFama yoMsinga woMoya (Wind Farm Community Trust) yaseCookhouse, neSuzlon.

UCAZULULO LWENKCITHOMALI LWEKOTA




## ABAFUNDI ABATHATHU ABATSHA BAWONGWE NGEENKXASOMALI ZEMFUNDO

**Sinebhongo ngokuwonga abafundi abathathu bengingqi abazibonakalisileyo ngeenkxasomali zemfundo ezipheleleyo kunyaka wokufunda ka2025, njengenxenye yokuzinikela kwethu okuqhubekayo kwezemfundo nasekuxhobiseni ulutsha.**

Abafundi babandakanya: UAmbesa Mazaleni waseCookhouse, umfundi owenza unyaka wokuqala eYunivesithi yaKwaZulu-Natal (e-UKZN) ofunda i-BSc yeNzululwazi ngezoLimo; uSinesipho Myeki waseSomerset East, umfundi owenza unyaka wokuqala ofunda i-MBCHB Medicine eYunivesithi yaseWalter Sisulu; kunye noSiyolise Samsam waseSomerset East, ongumfundi owenza unyaka wesibini kwiYunivesithi iNelson Mandela (i-NMU) ofunda i-BCom Accounting.

*"Le bhasari ayiphakamisanga nje kuphela umthamo wezemali zokufunda kunye nezixhobo zokufunda, koko indinike amathuba okuba ndikwazi ukufikelela ekubeni ngumzekelo ngokunika iingcebiso, imithombo yolwazi, nawothungelwano andilungiselela ihlabathi lemfundo eqeqeshelweyo."- uSiyolise Samsam.*

